## INGQAWULE

Isithunzi salatha inkqu yobukho nene
Besizindlo, ithuku lenzalisek' ezayo
Kuqingqi-mntwanana, uzekelelo lwexa.
Isimbuku sephupha singapha kwekhuselo.
Ukoluka kwethunzi kulalisa umnyama
Asongwe amaphiko enkonjane nesavu,
Uyekel' umlonji oloza esebeni.
Uqhiza kusithela kwesithatha sezulu,
Ukuvela kwekhwezi nenkanyezi yokuhlwa,
Zandulela zenene zobukabhadakazi,
Sifingo sobusuku obuswele inyanga,
Ntsunguzi edala uratyazo kwiliso,
Uphumputhe indlela eya kwimboniselo.

Wazingwa lilinqwa elinjal' uSarili,
Ingangalal' enkulu, inkosi umhlekazi,
Ithole lengonyama, umntwan' egazi gqibi.
Ngomemezo lodaba, ungcachelo lweentlanga
Kumazik' akwaXhosa phonoshono neNxuba.
Zeza kwesokunene zifumbeth' ithamsanqa,
UMqulu waseNyango, amathende obomi,
Ichibi lokuhlanjwa kwentliziyo yoluntu,
Umchithi wamathunzi okungazi kwintlalo,
Kwinzungu yomphefumlo nakwinkungu yengqiqo;
Ukanti ngesokhohlo zazibambe ikrele,
Lilubengu lokufa, zibeleke umbane,
Isihlabanisela sibhubhisa ngomlilo,
Ududum' okwezulu ulabalab' umfiyo;
Iindwane zabachasi zisikw' okwesikhotha
Sidliwa yisekile yotshabalalisayo.
Zathi, "Taru ameva!" iindwalutho zesizwe.
Zazibeka ngaphantsi kweenyawo zabangeni,
Kwalandel' ulawulo lwasemzini ekhaya.
Zanqunyulwa iimpondo iinkunzi zakwaPhalo,
Kwaba ngathi kucime neenkwenkwezi zezulu.



Lwashunyayelw' udaba kwiinkundla kwaGcaleka,
Wancwina wonk' umzimba kwintende kus' entloko,
Kuzingelwa icebo lokubhungca eshweni
Elihlel' amaNgqika, ukuphela kombuso.

Bawayaza bugungu,
Babuza kwisinyithi
Salandula usizo.
Babuza kwimiwewe,
Yalandula igwiba.
Babuza kuCanzibe,
Walandula ichebe.

Lajangaza icebo babuza kumathongo,
Kwathiw' azinyulele ihotyazan' intombi
Emisebe iwayo kusindwa bubuthongo
Bokubon' iimfihlelo zelizwe lemimoya.
Limpung' ubunzwakazi, sisidima iqasho
Labafuna ucweyo nabasephakadeni.

Lanyulwa ngobuhle na elo bhonxazanana?
Alibanga nabango kwisitho nalidombo,
Nasinxonxo sabuso nankazimlo yanwele.
Yatyunjwa ngehombo na leyo ntsundwazanana?
Kwakungekho sambalo nasidang' entanyeni,
Nasacholo kwingalo nasidaban' emhlana.
Yacishwa yasisangco ngemvo nempulaphulo.

Kozingela umendo zikho neziphambuka
Ezigquka umkhondo osingisa kwigqari.
Kwaba njalo kwintombi kaMhlakaz'
uNongqawuse.
Ngaminazan' ithile wabuya echibini
Umzimb' uthuthumela okomkhanzi wonxweme.
Wajuba walutywantsi wanqula okwehobe.
Umganwa wamathongo, inceku yamanyange,
Yangathi yalamile, ibonene nechanti.
Bayithimlis' iingcambu, yajojiswa iimpondo.
Chosi, yee thimbilili yenz' inguqu ingqondo.
Kwancinwa yathulul' ugadla lolibokazi.

Mihl' imitha yentsasa,
Idal' ubengezelo
Kubiyelo lwamanzi,
Ephahlwe ngabalindi,
Iinzwakaz' iinyibiba,
Nengcobo yeengcongolo,
Isiphumlo seemvumi,
Ziphiko limabala,
Zirabula umoya
Wesazinge sezulu,
Zitshwebelez' ukuhla,
Zintyiloz' indumiso
Zinqula kwelo dike
Lamathongo andulo.

Kuyo loo ntywenkakazi wajonga isidala
Umntwana wamaphupha wanga ubona nkomo
Zivelisa iimpondo, zikhonya kamnandana,
Zawuphinda umkhondo zaya kwizwe lendyebo
Elingenazinzima naxhala lampangeko.
Wabona ithwala-ndwe indwalutho nozwane,
Ngondileko nenzolo nebunzi ukuqonda.
Kwalandela ithole lesilo ingonyama,
Linenquma letshawe, ukutsola kweliso,
Intlahla yabegazi, lambeth' imfaneleko.
Wawafihla amehlo ngezandl' uNongqawuse,
Angaphandlwa yimitha yelang' elatshonayo.
Kwathethw' atsolileyo ambalw' engqikelelo.
Ichithi liboniwe kwilizwe lamathongo,
Aqumbile luchitho lombuso ngabezizwe.
Ayeza enamandla kwanobungangamela.
Ukuhlangul' isizwe kwisihelegukazi
Umgqaliselo ngulo; kufuneka urumo
Ngento yonk' ehambayo nesivuno somhlaba;
Kubhokoxwe ludladla, kudinjazwe sisele.
Kuthenjiswa umdolo wemfuyo elulibo,
Izimb' elikutyeba, indiphane yombona,
Nemibimbi yolulwe kwiimazi ezindala.



Zizuze ubuntombi okwamagudazana.
Imimango neemfunda ukususel' eMbhashe
Kuse kwelaseNxuba yolawulwa nguXhosa,
Azulumbek' elwandle umfo welasemzini.
Kwathiwa abikele uMhlakaza uyise,
UMhlakaza komkhulu, umcimb' ungxamisile.
Wenjenjal' ukucantsa akuthi thimbilili,
Ebalisa ngombono wokuthonga, iphupha.
Wabuya wazigquma ebusweni ngengubo
Wavuthel' okwehobe wazingisa lusizi.

Themba labakholwayo,
Ggabi lomthi wobomi.
Vuko lwabafileyo,
Walunakana.

Mpembelelo yoDaba
LwaBathunywa beZulu
Yabe iyinkumbulo
Yayo na leyo?

Ovayo wazikisa intombi ithongile.
Yinkolo yakwaXhosa nanamhla kusathongwa
De ngathi yinyaniso kobalisa iphupha
Elimalunga nabo sebeye kusithela.
Luway' amatshivela. Akho ndidini zonke,
Anyalasa kwiindawo eziphakamileyo.
Angab' afumana na sigwana sokukhanda
Intsongelo yotshaba olugqobhe kwaNgqika,
Kuhlutshezwe inkosi ngamathemba osizo
Oluvel' eNyangweni kwelo labafileyo,
Ngokukhwela kwiqegu lokuthonga komntwana?
UMhlakaza wabika kwisiphakath' isichi,
Selengqina ngamandla ngomyalelo wephupha,
Azadenda iindondo wangeniswa komkhulu.
Lawuthath' ikomkhulu lasasaza kwisizwe.
Lwaludunkunk' udaba lokuzuza kwamanyange.
Lwayiwela iNciba lwatyhutyha nakwaNgqika.

Ndilibonil' ukhozi
Lucekisa umhlaba,
Liwuza kwizikhawulo
Zeencopho.

Isiyilo sengqondo
Asazi zithintelo
Zamidana yazizwe
Nandidi.

Luway' amatshivela akho zizweni zonke.
Anyalasa kwiindawo ezindilekileyo.
Angab' afumana na sigwana sokukhanda
Amandla nesiseko sobuzwe bakwaXhosa.
Impiliso yosapho, isondlo semikhosi,
Umthombo wentlalo-ntle, imfuyo nesivuno,
Ikhusi lokwayama, ukudel'ukukhonza,
Ngokuvuthel' iphupha likhozelwe ngomonde.
Incamisa yethemba lisiza nembubhiso
Sazamazam' isizwe kwadideka magqala.
Asishwangusha yini ukudel' amathongo
Indoqo yokuphila kwizizwe zakwankolo?
Waqina umyalelo wokuwiswa kweenkomo.
Ukuthandwa kwezolo kwagqweswa lelomvuzo
Wemihlambi ezayo kwilizwe langaphantsi.
Kwiintlanti zehadesi nezisele zabafi.

Kofakw' ebandezini.
Ukuphazamiseka
Komxini ngumnyinyiva
Wobhungco.

Kokhasela eziko
Tsal' ingqondo ngokhenkce
Asukel' ubizelo
Olutsha.

Luway' amatshivela akho nkundleni zonke.
Anyalasa kwiindawo ekuzathuzwa kuzo.
Angab' afumana na sigwana sokukhanda
Amandl' obandezelo ngezilandu zezolo
Ngaphesheya kweGqili kwaNtaba yoBusuku,
Ngoxakeko lotshaba lungenelo nguXhosa
Kulityalwe idinga lentsongelo yezolo,
Kusetyenzisw' iphupha ukuvusa ivundu
Kuphembeke umlilo lee kwelamaTebele?



Wakhutyulwa umthetho uphuma kany' eBhotwe
Kwavel' amagogotya kwadalek' amathamba.
Sabambana isizwe ngokulahlekwa yimbo.
Ubunzima bomyalo budala ugxekwano.

Ungqino lwempazamo
Lugqib' othingazayo,
Afulathel' ingqiqo
Ngelize.

Lugqale nakathathu,
Wandule ukulwenza
Izwi laseNyangweni
Ungqine.

Amadoda okulwa undwendwe lwapheshеya.
Anyusa ulwagcibe ngenqanawa yokulwa.
Ezigasa ngobuni njengabaphumi-mkhosi,
Angena echwebeni kumanzi aseNciba,
Awunyusa umsinga ngephenyane lephini
Kummandla kaGcaleka, ilizwe limaxongo.
Saphenduk' isikhephe asinda macebetshu.
Lwanwenwezel' udaba lungqinel' amathongo
Ngegalelo latanci ukukhulul' isizwe.
Kwathiwa kwandulelwa ingqumbo yamanyange.
Yakhula imincili, zanqunyulwa iinkomo.
Lumnandi endlebeni udaba lolahleko.
Likrakra emlonyeni iyeza lempiliso.

Kwangqinwa ekunene ekhaya kuloMbombo
Ligatyazan' elihle ngegama uNonkosi.
Laxela ngondwendwelo lwamathongo ngephupha.
Labika kwa-imini yethemb' elincamisa
Indumbi yesivuno, imihlambi yemfuyo, ,
Amabutho angqingqwa ukusiza uhlanga.
Ophathwa ngamagora awegaz' amaqhawe.
Ixabiso loyolo ngumnikelo weenkomo,
Ukuqwelwa kovimba kutshayelwe kuthi tu.
Ngubani ongadela amangqin' amabini
Kudaba lwezinyanya kubantwana benkolo?
Ngesokunene kambe zibambe ithamsanqa
Naxa ngesasekhohlo ziphethe ishwangusha.

Abhonga ebhongile amaxhaka eenkomo.
Lawolel' ixhalanga lashiyela impethu.
Lawolela ixhwili lashiyel' uhodoshe.
Isicamagushelo sifumbethe ingcwaba.

Lincinane izwana
Loyalo lokuphila.
Lisebez' okomoya
Kovayo.

Okwasenyanisweni
Kokwabengqiqo bodwa.
Kusemazants' omxhelo
Kovayo.

Udaba lwentlekele lwafika endlebeni
Yabenceba namava, izilawuli zelizwe.
Kwathunyw' izigidimi kwizigqeba zoshumi,
Kuyalwa kuthintelwa olo fononontiso,
Kubonw' indlalakazi elandel' ekhondweni.
Laphala liphalile ihashe kwimimango
Kwakukhona isizwe siqinayo eshweni.
Ufefe Lophezulu lubonakala ngomntu.
Ngodandatheko simbi sayithoba intloko
Sabufihla ubuso ngezandla sincamile
Ngokuswel' ubulumko koluntu emhlabeni.
Sayinto yentlekisa kucingwa siyakhala
Kuba sophulukana nesihlalo solawulo,
Ngokuza kwamathongo ebuyisel' umbuso
Kwabo ulunge kubo, abantwana bothuthu.
Kwaxhelwa kwaqiniswa, zakhul' ingca iintlanti,
Zakhamis' izisele kujongw' umhla omkhulu.

Nduli ezibizayo,
Ntaba ezizingayo,
Ndofika na kwincopho?
Umbono wentliziyo unini
Ndul' ezintle.

Asilangazelelo.
Ngenyathelo ngalinye
Wofikiswa kwincopho.



Elethu igalelo kukhoba,
Ndul' ezintle.

Walathwa umhl' omkhulu, isisonka inyanga,
Mhla igqange lemini lojika endleleni,
Liwuphinde umkhondo oya empumalanga.
Wayeyezel' umfazi lwanehlombe usapho.
Zacombela iintombi zaqhola ngegusawe,
Zavath' isafikane, izawocholo zakho.
Amaxhegwazanana aziqaba ngechitywa,
Ang' ayathuntulula, alungisa migqwetho.
Wagaleleka wona umhla okad' uxelwa.
Yangumkhandlo isizwe kwichibi lamabali.
Ngoms' obomvu nxa zonke kwabe kuyimiqodi
Yabalind' ukubona abavuk' ekufeni.
Imbongi yakomkhulu uNdikho, uChizama,
Kany' ekutshiseleni kwelang' ezintabeni,
Yawuvula umlomo yatsho kwasika yathi:

"Huntshu! Huntshu! mzindini kaPhalo!
Kusa kusihlwa mzi wasebuNguni.
Namhla kukhanya kusibekela,
Inkakazana yenziw' ingqawa,
Yabuya iqhub' usatshazana.
Zibomv' iinduli kuza kwemini,
Ukukhawulwa kwabantu abatsha.
Zeninqalashane ningaduki,
Imvek' ikhohlwe nguninakhulu,
Iintomb' ithandabuze unina
Inge ibonana nomsakwayo.
Kunyembelekile bantundini,
Umhl' uyazuza uqulathile.
Azi wozala thole lini na?
Kuxhalabekile bantundini
Azi sobona zanga zini na?
Ngesokunene ubamb' indyebo
Uza nomthonyama kwiintlant' ezize
Uza nentelezi yamanyange,
Wona ath' ekho angalanywa so.
Namhla siphum' iduli lengqibo.
Uloyiso kuhluma kwesizwe.
Kwesokhohlo ndibona ilishwa

Umntu esinga kwantizitshile,
Iimpunde ziziimbacu neendwayi.
Umzanen' omathunzi amnyama.
Azi laneziwe na iShologu
Azi akukh' ushintileyo na!
Ngaba nifezile, qambani bo,
Sekuvakal' ukuza kondwendwe.
Sezinxakam' iimazi zeenkomo,
Selekhonya amadun' amahle.
Lungisan' iindladla nivubele,
Imini entsha seyinyathele."

Wee khebev' akukhova wazigquma ngeqwarra
Wayeyolela kuba akaphindang' abonge.
Amehlo endimbane ajong' ezintabeni,
Lathi chapha ilanga liligqang' elibomvu.
Phof' akuvakalanga kungqingqiza kwanqina.
Mhlawumbi yayisemgama imihlambi ezayo.
Kukud' ephakadeni akuyi lubuyayo.
Amehlo bawaphosa nzo enzonzobileni,
Yazol' inzonzobila yahlala ilikhamnte,
Yahamb' indlela yayo imbulunga yokhanyo
Okwekroti licanda ummango linyalasa,
Ayaxela ludaba lwakuza kwalundwendwe.

Walind' umntu ngethemba, walinda enexhala.
Yafika intlazane lifuna ingqameko,
Iqondo lokubuya lising' empumalanga.
Yeha! Umlind' omkhulu wamabona-ndenzile.
Lafika kuchochoyi esibhakabhakeni,
Zanqaphel' izithunzi emini emaqanda.
Langa lithi nqumama, lagqithela phambili.
Ambathiswa ngenzolo efana neyedlaka
Loo makhul' esihlwele ukucumka kwethemba.
Kwalandel' ukugcuma okwabandis' umxhelo
Kwanga kukutsawula kwentliziyokaz' enye.
Kwaphum' esisikayo isikhalo kumfazi,
Az' iimvekwana zakhe zotyani na ngengomso.
Wajuba waqhawuka, isandulela-mphanga.
Aqondel' emhlabeni amaceba ngaloo mhla.
Abafo bokuzathuza banqatyelwa lilizwi.



Lathambeka ilanga oluka amathunzi,
Kwee sithi kumphefumlo, yayiloza ingqiqo.
Lazisukel' iintaba entshonalanga phaya,
Kunqabe nomvungulo wokuhlwa kwaloo mini
Kwakho utyandyuluko, yeha! udandatheko!
Isimema sentlungu sibik' ulahlekiso.
Lavuthel' ifubesi lakhala kalusizi,
Lahuluhululisa lihlola ngempanziso.

Ndaba ndingcaml' ubusi,
Lwakhawulela ulwimi
Kanti likhala.

Ndijong' ubungezelo,
Kwavakal' obindayo
Umkhulungwane.

Ngonyezi yanduluka imfuduko yendlala,
Acimba amawaka ephuthuma usizo
Befulathel' iintaba zelizwe lokuzalwa
Iphango lazibika lwakhala usatshana.
Ngeentsukwan' ezingephi yabityhafil' indoda
Kwazingelwa zimvane kwazingelwa ntlumayo
Ukuqweba unyanya kufikwe emLungwini.
Bambi abaphelela amendu olo hambo,
Kwasweleka umfihli kwanombambazelayo.
Lawolel' ixhalanga lashiyela impethu,
Lawolela ixhwili lashiyel' uhodoshe.
Yamhlophe imimango ngamathambo esizwe
Ingamawakawaka idini lempazamo.

Mngcunubanandini,
Omaseb' avuzayo
Ngathi unyembezana.
Uyalila na?

Ngxangxasanandini
Ethulul' amathontsi,
Zisindiwe iinkophe.
Uyalila na?

Yakhala imifula neenduli zezwe lethu.
Lakhala iPhakade lisindwa lolo sizi,
Lavula iintliziyo zabahlangabezayo,
Kwalungiswa zixhaso kubothozw' intlekele,
Zahlangulwa iimpunde ezafikay' emdeni.
Saphulukwa likratshi isizwe sondileko,
Sifundiswa impilo yokuziphandulela.
Anqidwa ozimpondo amagora kaXhosa
Ithe shwaka imfuyo isiseko sobuzwe,
Besindasindeka bo, bajuculuzela mbo,
UNongqawuse nabambi ababa sihlabane,
Amafaca, iindwayi, bafikelel' emdeni.

Abasemagunyeni kweiokuphambukela,
Ngokumoyikisela hleze abe sisulu
Sentshutshiso nogxwalo kwabanempindezelo,
Okanye ukuthonga kube nemvuselelo
Yena benoNonkosi baba selugcinweni
Kwisiqithi sokhetho lwababhadi-luxolo.
Esithukuthezini kwilizwe lasemzini
Bacamngca kaliqela ngesihelegukazi,
Inzalo yokuthonga kumazwe okuzalwa.
Baluve futh' utyhilo lweeNdaba eziMnandi
Zishunyayelwa kubo ngokuchanekileyo.
Bayixhamla inceba yokhulul' exesheni.
Wahlala eMnyameni umphembi weNgqawule,
Esigele sentombi. Ihagele imihla
Wada wafikelela ekusimeleleni.
Kungenzeka yabakho imihla yenkedamo
Akucing' abaninzi abemkay' emhlabeni,
Nangabaphambukeli kwilizwe lasemzini
Ngenxa yephupha lakhe ngovuko ekufeni.

Kohlala kumnyama na
Sifunisela njalo
Ukubona? Iyeza
Intsasa.

Ulungelelwano
Lokunga kwahlukene
Luyeza. Kudaleke
Imfezo.



Sicwila ngeNgqawule sivuka sithongile.
Ngaminazan' ithile kumz' osethambekeni
Kwelo laseMnyameni, kwemisa phambi kwendlu
Inqwelo yesibhozo siphelele seedyokhwe,
Iinkabi ezimnyama ezibuhle bubodwa,
Umqhubi ezifihle ubuso ngesigqumo.
Kwakusezinzulwini kwesikabhadakazi.
Wathi uphuthumile ulande uNongqawuse,
Uyafunwa eKhaya kudala elindiwe.
Ayizanga yothuke intokazi enkulu.
Yagcogela kamsinya, yathi seyilungile,
Yabulisa yagqiba yakhwela enqweleni,
Wazibiza umqhubi iinkabi zakowabo,
Ndayibon' igoqoza iwushiya umhlaba.
Esibhakabhakeni yadlula emafini,
Yacanda koMakroza ifun' impumalanga.
Yadlula kuMnqamlezo waseZantsi inyuka.
Kwala xa iphiphiphi kwakhwela abathile,
Iintokazi zontathu zambethe undileko,
UNokholo, Nothemba kunye noNoluthando.
Zancokola kakhulu naloo mfazi umkhulu,
Wonwatyiswa kunene lubabalo lweKhaya.
Akathuthuzeleka kancinan' eluhambeni
Lokugqibela lwakhe esiya kumawabo.

Kwathi besancokola wajika uNongqawuse
Wambonakalo yimbi, lwagudiswa ulusu,
Wanonyanya lobutsha nozuko lwenyibiba.
Yagoqoza inqwelo esikhuza umqhubi
Isipani selizwe lemfezo yamaphupha.
Ekuzeni kokusa ngelixa loms' obomvu,
Wemisa umbhexeshi phambi kwesangokazi.

Wehlisw' uNongqawuse wangeniswa ngesango
Phambi kwamehlo akhe kusithabazi sezwe
Elihle kunokwindla luhlaza neentyatyambo,
Ilizw' elimilambo imanz' angcwengileyo,
Kwamfunda zikuvunda, kwamith' inezihloko,
Kudloba idawuwa, kuvum' igiyogiyo,
Kuthe gqaa imihlambi yemazi namathole,
Elizweni lobusi namas' izwe ledinga.

Phofu washunyayezwa udaba lwesithunywa,
Ukuza kumchazela ngombon' awayenawo.

Konke okuhlumayo,
Kujong' emazulwini.
Uphelo kutyebisa
Kwa-eli gade.

Izul' entsithelweni?
Intsithel' ekuhleni,
Uphelo emhlabeni
Kube lizulu.

Safik' isigidimi sambethe ubulumko
Njengomnweba wembeko kosisikhakhamela.
Ukuvula sathetha ngeenkomo zokuthonga.
Sathi wayechanile ekuphupheni kwakhe.
Kwaphoswa inkcazelo, inguqulo yephupha.
Imbew' iyakrazuka zekuvel' isibindi
Esizal' isithombo nesiqhamo sovuno.
Abo babesoyikwa ngokuba beziintlanga
Sisukulo sengqondo kuchunyiswa ukwazi
Okuvelis' inkitha yeendlela zokuphila,
Ulimo, umsebenzi wezandla nowengqondo.
Nanzo ke ezo nkomo neendyebo ezinkulu.
Ziya kufikelelwa kwilizwe lakowabo
Ngokwamkelwa nguXhosa kweempembelel' ezintsha.

Ukudalwa ngokutsha kwabantu bakowabo,
Sathi wayechanile ekuphupheni kwakhe.
Kwaphoswa inkcazelo, inguqulo yephupha.
Imbew' iyakrazuka zekuvel' isibindi
Esizal' isithombo nesiqhamo sovuno.
Abo babesoyikwa ngokuba beziintlanga
Baye besisibane sokuchith' ubumnyama,
Kuzaleke isizwe esicinga ngokutsha

Esifana nolibo ukubukeka kwaso.
Kwabe kukho okuhle kwisizwe sakowabo,
Ikho kwanemibimbi eyasitha okuhle.



Ukukhanya okutsha kuvelis' amadlala,
Kwaphuhlisa okuhle, kuzalek' imfezeko,
Isizw' esiyinqobo, iqhayiya leentlanga.

Ukuza kwamathongo ngoloyis' emhlabeni,
Sathi wayechanile ekuphupheni kwakhe.
Kwaphoswa inkcazelo, inguqulo yephupha.
Imbew' iyakrazuka zekuvel' isibindi
Esizal' isithombo nesiqhamo sovuno.
Abo babesoyikwa ngokuba beziintlanga
Babesiza neNkosi yomzi uKhayakhulu,
Ijonge ukuseka ulawulo kwaGcaleka
NakwaNgqika, kwizizwe ngezizwe zehlabathi.
Seyikhuphe iintombi, iinzwakaz' ezintathu,
UNokholo, Nothemba nenye uNoluthando,
Ukub' izendisele kuluntu emhlabeni.
Mhla zamkelwa zontathu lofika iSHologu.
Sokhula isithomo somntu kwelangaphantsi.
Afumane intsobi yasebulungiseni;
Igxotheke intiyo, uloyiko nobubi;
Kuzaleke uthando, imvano novelwano;
Kusabe ukuncama nokutyhaf' umbilini,
Umntwana wobandezo, kuphele namakratshi,
Ukhul' olubulala intlalo-ntl' elizweni.
Ngaloo mini iZulu lobe lisemhlabeni.

Isigidimi sasuka samwola uNongqawuse,
Samanga isidlele ngenxa yamanakani
Awayenawo oko wayekwelangaphantsi.
Ngezinto ezityhulu zasemaphakadeni,
Ekucamngceni kwakhe echibini kowabo.
Lathi baya kwangiwa yiNkosi ncakasana
Abothi emhlabeni basebenzele loo mini
Yamathemb' ancamisa ngemigudwana yabo.

Amnandi amazele
Okuqala esife,
Ithemba lesivuno
Ekwindla.

Bambi batya izele
Lemini yamathemba
Bavuyiswe kungqina
Ngovuno.

Isigidimi eso sasuka samkhokela
Sasingisa eBhotwe esazulwini somzi,
Isixeko soyolo apho kwaKhayakhulu.
Kwavakal' ukukhala kwesigodlo sibiza,
Lwazamazam' uluntu lutyhalel' enkundleni.
Babephuma zizweni zonke kwelimiweyo,
Indimbane enkul' eyayingenakubalwa.
Boshumi bentambonye ngothando ngakuLowo
Wayesesihlalweni esazulwini senkundla.
Bathi bakusondela yabonakal' iNkosi
Ivelele kubemi abayingqongileyo,
Yambethe imfezeko, umnweba wobukhosi.
Ubuso babukhanya njengelanga lentsasa,
Entlok' inesitshaba seenkwenkwezi zikhanya,
Kwisandla sokunene kuyintonga yolawulo,
Ntonga yobulungisa, iphakamis' izizwe.
Bonke ababelapho batsho ngezwi elinye
Indanduluk' enkul' eyang' ifikelela
Kuzo zone iimbombo esibhakabhakeni
Besithi, "Undileko, uzuko nendumiso
Kuyo iNkosi yethu kus' emaphakadeni."
Wavuya uNongqawuse ngovuyo olukhulu,
Wangenelela naye ebong' iNkosi leyo,
Ebulela nokuba engomnye wabangcamla
Ukwazi uQamatha asiwumbi nguThixo
Umniki-bomi butsha apho kwaKhayakhulu,
Kwilizwe lemimoya, iKhaya loMsindisi.

---



Ishicilelwe yi-Thanda Press, eQonce.